



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**SEPTEMBER 2017**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P1  
IMEMORANDAM**

**AMANQAKU: 70**

---

Le memorandam inamaphepha ali-10.

---

**ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA****UMBUZO 1**

Qaphela oku kulandelayo xa umakisha uvavanyo lokuqonda:

- Eyona njongo yalo mbuzo kukuvavanya ukuqonda, ngoko ke umvavanywa makanganyityelwa manqaku ngeempazamo zopelo nezolwimi ngaphandle kokuba iimpazamo ezo zithi zitshintshe intsingiselo (itsho impendulo ingabiyiyo echanekileyo).
- Xa umvavanywa esebenzise amagama angengawo awesiXhosa ncakasana, ibe yona impendulo iyechanekileyo, makanikwe amanqaku apheleleyo ngempendulo yakhe.
- Kwimibuzo evulelekileyo, makunganikwa manqaku ngo- EWE/HAYI, NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI, YINYANI/BUBUXOKI/LULUVO. Amanqaku mawanikwe kujongwe ukuzixhasa kwakhe umvavanywa (makujongwe ukuzixhasa kwakhe/isizathu esibambekayo esibangela ukuba abhale ewe/hayi okanye yinyani/bubuxoki/luluvo, ndiyangqinelana/andingqinelani).
- Ukuba umvavanywa ubhale isivakalisi esipheleleyo endaweni yegama/ibinzana ebelilindelekile, makanyityelwe amanqaku xa engalirwelelanga/engaliqaphulanga igama/ibinzana elo lilindelekileyo.
- Xa kulindeleke ukuba umvavanywa abhale amanqaku amabini/amathathu ze yena anike angaphezulu kwabelindelekile, makuhooywe la mabini/mathathu okuqala kuphela.
- Xa umvavanywa esebenzise isiXhosa sengingqi makawanikwe amanqaku ukuba impendulo yechanekileyo.
- Xa kulindeleke ukuba umvavanywa akhethe impendulo echanekileyo kwazinikeyo, makaphiwe amanqaku xa ebhale unobumba nempendulo echanekileyo esecaleni konobumba/unobumba osecaleni kwempendulo echanekileyo.

**ISICATSHULWA A**

- 1.1 1.1.1 Abazali bakhaliswa kukuba abantwana beli xesha abeva, ✓  
banenkani, ✓ benza unothanda. ✓  
(Nasiphi na isibini) (2)
- 1.1.2 'Abantwana bayazihleka iingcebiso eziphuma ebazalini, kanti nabazali kwelabo icala bazithatha njengobuvuvu izizathu ezibekwa ngabantwana.' ✓ (1)
- 1.1.3 Umzali ubenolwazi oludlula olo lomntwana ngento yonke. ✓✓  
Umntu omdala ebenolwazi olungaphezu kolo lomntwana. ✓✓  
(Nayiphi na kwezi.) (2)
- 1.1.4 Sisifaniso. ✓ (1)
- 1.1.5 Ndiyangqinelana, kuba bathe abantu bakudibana nempucuko yaseNtshona batsho bayeka ukwenza amasiko nezithethe zabo ngenxa yokuba besithi zizinto zabahedeni. ✓✓

**OKANYE**

- Andingqinelani, kuba nangona impucuko yaseNtshona ikho nje kodwa basekhona abantu abasawenzayo amasiko nezithethe zabo. ✓✓  
(Nayiphi na kwezi.) (2)
- 1.1.6 Uveza ingcamango yokuba abazali abaphumeleli kwiinzame zabo zokuqeqesha abantwana, ✓ kuba basaqhubekeka nezimilo ezigwenxa kunye nobuvila. ✓ (2)
- 1.1.7 Ukunxibelelana. ✓ Unyana wam khange akwazi ukunxibelelana nam kuba bendibhala iimviwo. ✓  
(Nasiphi na isivakalisi esichanekileyo, esinegama ukunxibelelana.) (2)
- 1.1.8 I-intanethi. ✓/ Imfonomfono. ✓/Ikhompyutha. ✓/Imagazini. ✓/ Ileta. ✓  
(Nasiphi na isibini) (2)
- 1.1.9 C. ✓✓/ Isandiso ✓✓/ C. Isandiso. ✓✓ (2)
- 1.1.10 Uthetha ukuthi, umqeqesha njani umntwana osele esazi yonke into? ✓✓ (2)

- 1.1.11 Sibonakalisa intsingiselo yokwenzana, omnye komnye nomnye komnye. √√ (2)
- 1.1.12 Uzama ukusibonisa ukuba amaxesha atshintshile nezinto ziguqukile kwindlela ebezisaya kuba yiyo ngaphambili. √√  
(Nayiphi na impendulo echanekileyo, ebonakalisa imfundiso.) (2)

**[22]**

**ISICATSHULWA B**

- 1.2 1.2.1 Kwisicatshulwa A konwatywe, kanti kwisicatshulwa B kuyaxatyanwa. ✓✓/ Kwisicatshulwa A kukho abantu abangamadoda, kanti kwisicatshulwa B kukho amabhinqa. ✓✓ /Kwisicatshulwa A kukho abantu abancumeleneyo kanti kwisicatshulwa B abancumelananga. ✓✓/ Kwisicatshulwa A bayovana kanti kwisicatshulwa B akubonakali mvisiswano. ✓✓
- [Nayiphi na kwezi.] (2)
- 1.2.2 Bonwabile, ✓ kuba bayahleka/bancumelene ✓/ Bayavuya, ✓ kuba bade bajongana. ✓/ Bayathandana, ✓ kuba bancumelene. ✓
- [Nayiphi na kwezi.] (2)
- 1.2.3 Ngumfanekiso, B ✓ kuba kumfanekiso B kubonakaliswa abantu abangavaniyo, kanti nakumhlathi woku-1 kwisicatshulwa A kuthethwa ngokungabikho kwemvisiswano phakathi kwabazali nabantwana. ✓ (2)
- 1.2.4 Ngumfanekiso A, ✓ kuba ukuze unxibelelwano lube lolululo kufuneka kubekho umoya woxolo nemvisiswano. ✓/ Ngumfanekiso A, ✓ kuba xa sukube kuxatyanwa akubikho kunxibelelana ngokukuko. ✓/ Ngumfanekiso A, ✓ kuba xa kuboniswana akukho nto ilwisayo. ✓
- [Naluphi na uluvo lomfundi olululo oluxhasa umfanekiso A.] (2)
- [8]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

#### UKUMAKISHWA KWESISHWANKATHELO:

- **Amanqaku abiwa ngolu hlobo lulandelayo:**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Ingongoma nganye linqaku)
  - Amanqaku ama-3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke: 10.
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi:**
  - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: nika inqaku eli-1.
  - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: nika amanqaku ama-2.
  - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: nika amanqaku ama-3.
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umlingwa ecaphule njengoko kubhaliwe kwisicatshulwa:**
  - 6–7 iingongoma ezicatshulweyo ngqo: 0 amanqaku olwimi (Akanikwa nqaku lolwimi umfundi)
  - 1–5 iingongoma ezicatshulweyo ngqo: nika inqaku eli-1 lolwimi

#### QAPHELA

- **Imo**  
Nokuba isishwankathelo sibhalwe ngemo engachanekanga, masiphononongwe.
- ❖ **Ubalo-magama**
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwini eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingqiweyo, ungawahoyi alandelayo.
  - Izishwankathelo ezibhalwe zazifutshane kodwa zinazo zonke iingongoma ezifunekayo okanye ezilindelekileyo mazinganyityelwa manqaku.

**UMFUNDI ANGACANGCATHA KWEZI NGONGOMA**

<b>UCAPHULO</b>		<b>IINGONGOMA</b>	
1.	Imbeko asiyiyo nanto ukuba yigolide kwaXhosa.	1.	Intlonipho yeyona nto inexabiso elikhulu kwisizwe samaXhosa. ✓
2.	Isiseko sembeko sisekhaya.	2.	Ikhaya yeyona ndawo apho athi umntwana aqale khona ukufundiswa indlela eyiyo yokuziphatha. ✓
3.	Umzalikazi xa eceqesha umntwana umsukela ukuba athandeke eluntwini.	3.	Eyona njongo ibalaseleyo xa kuqeqeshwa umntwana kukuba kube lula kuluntu ukumthanda. ✓
4.	Xa umfazi etshatile okanye endile uyayazi into yokokuba kufuneka abeke uyisezala noninazala, abakhuluwa nabakhuluwakazi kunye nomyeni wakhe.	4.	Kumfazi otshatileyo akukho nto idlula ukuhlonipha abantu bomzi wakhe ngokwamabakala abo, omncinci nomdala. ✓
5.	Nasebantwaneni imbeko iyafuneka, yaye nalapha isekelezwe ebudaleni.	5.	Abantwana nabo kuyafuneka bazifundise ukuhloniphana, kwaye le ntlonipho ihamba nobudala. ✓
6.	Emadodeni ubudala bubalwa ngezilimela.	6.	Ubudala bendoda buxhomekeka kwizilimela enazo xa ithelekiswa namanye amadoda. ✓
7.	Iyephi le mbeko sigqiba kuthetha ngayo apha ngasentla? Yathiwa nywam nywam sisilo siphi?	7.	Kufumaniseka ukuba kumaxesha ekuphilwa kuwo ngoku ayisekho intlonipho. ✓

**UKUBHALA NGOKOMHLATHI**

Intlonipho yeyona nto inexabiso elikhulu kwisizwe samaXhosa. Ikhaya yeyona ndawo apho athi umntwana aqale khona ukufundiswa indlela eyiyo yokuziphatha. Eyona njongo ibalaseleyo xa kuqeqeshwa umntwana kukuba kube lula kuluntu ukumthanda. Kumfazi otshatileyo akukho nto idlula ukuhlonipha abantu bomzi wakhe ngokwamabakala abo, omncinci nomdala. Abantwana nabo kuyafuneka bazifundise ukuhloniphana, kwaye le ntlonipho ihamba nobudala. Ubudala bendoda buxhomekeka kwizilimela enazo xa kuthelakiswa namanye amadoda. Kufumaniseka ukuba kumaxesha ekuphilwa kuwo ngoku ayisekho intlonipho.

**[70 amagama]****AMANQAKU ECANDELO B: 10**

**ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI****UMBUZO 3: UKUMAKISHA ICANDELO C**

- Upelo
  - Iimpendulo eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
  - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
  - Xa kuvavanywa izifinyezi, impendulo mayifakwe iziphumlisi ngokuchanekileyo.
  - Ulwakhiwo lwezivakalisi kufuneka luchaneke ngokwemigaqo yolwimi kwaye lusetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo njengoko umbuzo uyalela.
  - Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

**UKUCAZULULA ISIBHENGEZO-NTENGISO**

- 3.1 Ligama leshishini. ✓/ Ligama lenkampani. ✓  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 3.2 KuCentane. ✓ (1)
- 3.3 Ungena unxunguphele, uphume uchwayitile. ✓ (1)
- 3.4 Kukuba abantu babone le nto kuthethwa ngayo. ✓✓/ Kukuveza izinto ezilungiswa apha. ✓✓  
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 3.5 Ngabantu abanolwazi olunzulu ekulungiseni ubuxhakaxhaka boqhagamshelwano. ✓✓ (2)
- 3.6 B. ✓/ Kubantu abanezixhobo zoqhagamshelwano. ✓ B. Kubantu abanezixhobo zoqhagamshelwano. ✓  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 3.7 Luluvo, kuba usenokuphuma ungachwayitanga xa uthethe waphatheka kakubi. ✓✓/ Luluvo, kuba usenokuphuma ungachwayitanga xa singalungisekanga isixhobo sakho. ✓✓  
(Nayiphi na kwezi) (2)

**[10]**



**UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI**

- 4.1 Yikatala ✓/ Sisiginkci ✓/ Yigitha ✓  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 4.2 Linika intsingiselo yokuba asiyonto intle le ayenzayo. ✓✓/ Linika intsingiselo yokuba bekungafanelekanga ukuba uyayenza le nto ayenzayo. ✓✓/ Linika intsingiselo yokuba ayilunganga le nto ayenzayo. ✓✓  
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 4.3 Iveza ukuba amadoda afanele ukuba ngamakroti ✓✓/ Iveza uluvo lokuba izinto ezingahambi ngendlela zimele ukulungiswa ngamadoda. ✓✓  
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
- 4.4 Eshushu. ✓ (1)
- 4.5 Uyacaphuka, ✓ kuba ude athi uyafundekela. ✓/ Uyacaphuka, ✓ kuba ude athi tatandini. ✓ /Unomsindo, ✓ kuba kude kwakho uphawu lwesikhuzo olubonakalisa ukuba uyamkhwaza. ✓  
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 4.6 Ayilunganga, kuba ayilunganga into yokubetha omnye umntu. ✓✓/ Ayilunganga, kuba izinto azilungiswa ngokubetha. ✓✓/ Ayilunganga, ukuba izinto zilungiswa ngokuthetha. ✓✓  
(Nayiphi na kwezi) (2)

**[10]**

**UMBUZO 5: UKUSETYENZISWA KOLWIMI**

- 5.1 Yinjongosenzi. ✓/ Ngumenziwa. ✓  
(Nayiphi na kwezi.) (1)
- 5.2 Sisivumelanisi sentloko. ✓ (1)
- 5.3 B. ✓/Sisihlomelo sendawo. ✓/ B. Sisihlomelo sendawo. ✓  
(Nayiphi na kwezi.) (1)
- 5.4 Esi siziba sale lokhwe simdaka. ✓✓/ Umama usebenzise isiziba selokhwe endala ukosula iinyawo zakhe. ✓✓  
(Nasiphi na isivakalisi esiveza isiziba esahlukileyo kweso sisetyenziswe kwisicatshulwa) (2)
- 5.5 Sisetyenziswe emva ko-**thi**. ✓/ Silandela u-**thi**. ✓  
(Nayiphi na kwezi.) (1)
- 5.6 Tyhini! **Y** ✓ intini, iyazimela elutshabeni lwayo.' (1)
- 5.7 Sikwixesha langoku. ✓/ Sikwixesha elimiyo. ✓  
(Nayiphi na kwezi.) (1)
- 5.8 'Nantso into emnyama ingaziphosi esizibeni apho.' ✓✓ (2)
- [10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**  
**AMANQAKU EWONKE: 70**